  
- (c) \* Umlambo uyayiphambuka inciba.  
(The river is turning around the Kei)  
(The river is overturning the Kei)
  
- (i) \* Inciba iphambukwa ngumlambo.  
(The kei is being turned around the river)  
(The kei is being overturned by the river.)
  
- (b) Ilitye liphambuka emagcwabeni.  
(The tombstone turns at the graveyard)  
(The tombstone descends at the graveyard)
  
- (i) \* Ilitye liyawaphambuka amangcwaba.  
(The tombstone is turning at the graveyard)  
(The tombstone is descending at the graveyard)
  
- (ii) \* Amangcwaba aphambukwa lilitye.  
(The graveyard is being turned by tombstone)  
(The graveyard is being descended by the tombstone)

Okubonakalayo apha ngentla izivakalisi eku (9a, c, e, g) isenzi u-phambuka sinamasuntswana entsingiselo egama kwibinzana lesibizo esiyintloko izinto zendalo.



- 10) a) 'turn' 'neglect'
- (i) Ihlabathi liphambuka isiko.  
(The world turns away from custom)  
(The world neglects custom)

People do not care about custom.

- (b) 'descend', 'turn'
- (i) Ilitye liphambuka emangcwabeni.  
(The tombstone turns at the graveyard)  
(The tombstone descends at the graveyard)
- c) 'flow'
- (i) Amanzi aphambuka umnyango.  
(Water turns away from the door)  
(Water flows away from the door)

Ibinzana lesibizo esiyintloko [izinto zendalo ezino kusetyenziswa]

Kwezi zivakalisi zingezantsi ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumentu yendawo zizinto zendalo ezinako ukusetyenziswa. Isenzi esingu – phambuka sisebenza njengemfezekiso yebinzana lesibizo. Nalapha ke qwalasela ukuba izivakalisi ziyatshintshana. IAdyumentu eyenzeka njengentloko yebinzana lesibizo ibonisa umenzeli into ephefumlayo. Imfezekiso yebinzama lesibizo itolikwe njenge salathandawo.

- i) a) lintlantsi ziphambuka umpheki  
(The sparks turns to the cook)  
(The sparks burns the cook)
- b) Umpheki uphambuka ezintlantsini.  
(The cook turns away from the sparks)  
(The cook escapes from the sparks)

- c) Idayimani iphambuka umgodini.  
(The diamond turns away from the mine)  
(The diamond disappears in the mine)
  
- d) Umgodini uphambuka edayimanini  
(The mine turns away from the diamond)  
(The mine disappears the diamond), i.e. The diamond is not available at the mine.
  
- e) Isiqwayi siphambuka inkwenkwe.  
(A cane turns away from the boy)  
(A cane misses the boy)
  
- f) Inkwenkwe iphambuka esiqwayini.  
(The boy turns away from the cane)  
(The boy misses the cane)
  
- g) Imithi iphambuka ibhokhwe.  
(The trees turns the goat)
  
- h) Ibhokhwe iphambuka emithini.  
(The goat turns at the trees)

Ngoku ndiza kubonisa ngemizekelo elapha ngezantsi ukuba imfezekiso yebinzana lesenzi u-phambuka ayisebenzi njengenjongosenzi zobumbo – zivakalisi eziqhelekileyo kulwimi lwesiXhosa. Isimva sovumelwano senjongosenzi sokunga bikho mfezekiso ayivumelekanga kwimofoloji yesenzi. Okwesibini kwisenziwa ibinzana lesibizo alinakuveliswa kwindawo yentloko kwisenziwa.

- 12) a) lintlantsi ziphambuka umpheki.  
(The sparks turn to the cooker)  
(The sparks burns the cooker)



- i)\* Intlantsi ziyamphambuka umpheki.  
(The sparks are turning away the cooker)  
(The sparks burn the cooker)
- (ii) \* Umpheki uphambukwa ziintlantsi.  
(The cook is being turned away by the sparks)  
(The cook is being burnt by the sparks.)
- b) Idayimani iphambuka umgodi.  
(The diamond turns away from the mine)  
(The diamond disappears in the mine)
- i)\* Idayimani iyamphambuka umgodi.  
(The diamond is turning away from the mine)  
(The diamond is disappearing in the mine)
- ii) \* Umgodi uphambukwa yidayimani.  
(The mine is being turned away by the diamond)  
(The mine is being disappeared by the diamond)
- (c) Isiqwayi siphambuka inkwenkwe.  
(The cane turns away the boy)  
(The cane misses the boy)
- i)\* Isiqwayi siyayiphambuka inkwenkwe.  
(The cane is turning away the boy)  
(The cane is missing the boy)
- ii) \* Inkwenkwe iphambukwa sisiqwayi.  
(The boy is being turned away by the cane)  
(The boy is being missed by the cane)
- d) Ilitye liphambuka emangcwabeni.  
(The tombstone turns at the graveyard)  
(The tombstone descends at the graveyard)

- i) \* Ilitye liyawaphambuka amangcwaba  
 (The tombstone is turning at the graveyard)  
 (The tombstone is descending at the graveyard)

- ii) \* Amangcwaba aphambukwa lilitye.  
 (The graveyard is being turned by the stone)  
 (The graveyard is being descended by the stone)

Xa uqwalasela kwizivakalisi eziku (12a-d):

Izivakalisi ezilapho ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi, iadyumentu yendawo ayizekelisi iimpawu ezizizo ze-adyumentu nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi. Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika- phambuka kwizivakalisi eziku (i) zika (12a-d) kubonakaliswe ngolu hlobo: -

{	i-adyumentu1 = izinto zendalo ezinokusetyenziswa
	i-adyumentu 2 = izinto eziphefumlayo, indidi zezilwanyana
	isiganeko = ubume.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe- adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (ii) zika (12a-d) kubonakaliswe ngolu hlobo: -

{	i- adyumentu 1 = izinto eziphefumlayo, indidi zezilwanyana
	i- adyumentu 2 = izinto zendalo ezinokusetyenziswa
	Isiganeko = ubume.

Amasuntswana entsingiselo egama alapha ngezantsi angafaniswa nesenzi u – phambuka. Kwizivakalisi ezinebinzana lesibizo esiyintloko esibonisa [izinto ezinokusetyenziswa]

-Phambuka

13) a) 'turn' 'burns'

- i) Intlantsi ziphambuka umpheki.  
 (The sparks turns to the cooker)  
 (The sparks burn the cooker)



- b) turn/ disappear
- i) Idayimani iphambuka umgodi.  
(The diamond turns from the mine)  
(The diamond disappear in the mine)
- c) turn/miss
- i) Isiqwayi siphambuka umntwana.  
(The cane turns away the child)  
(The cane misses the child)
- d) Ilitye liphambuka emangcwabeni.
- i) (The tombstone turns at the graveyard)  
(The tombstone descends at the graveyard)

Ibinzana lesibizo esiyintloko [into eyenziwe ngumntu]

Qwalasela ezi zivakalisi zilandelayo u (14a, c, e, g,l,k). Apha ke ibinzana lesibizo eliyintloko se-adyumentu yendawo yinto eyenziwe ngumntu.

Isenzi u- phambuka uthatha imfezekiso yebinzana lesibizo. Ezi zivakalisi ziku (14b, d, f, h, l) zona zitshintshana neziya zikhankanywe ngentla. Apha ke i-adyumentu eyenzeka njengentloko yebinzana lesibizo ibonisa umxholo imfezekiso yebinzana lesibizo itolikwe njenge mvelaphi okanye isalathandawo:

- 14) a) Ibhayisekile iphambuka ivili.  
(The bicycle turns out the wheel)  
(The bicycle slips out the wheel.)  
The wheel of a bicycle is loose/ is not tight.
- b) Ivili liphambuka ebhayisekileni.  
(The wheel turns out of the bicycle)  
(The wheel slip out of the bicycle)

- c) Imoto iphambuka isipili.  
(The car turns aside the mirror)  
(The car reels the mirror)
  
- d) Isipili siphambuka emotweni.  
(The mirror turns aside in the car)  
(The mirror reels in the car.)
  
- e) Uphahla luphambuka ingca.  
(The roof turns away grass)  
(The roof scatters about the grass)  
The grass on the roof is pulled out by the wind.  
e.g.(the rondavel house)
  
- f) Ingca iphambuka eluphahleni.  
(The grass turns away from the roof)  
(The grass scatters about from the roof)
  
- f) Induku iphambuka amaqoqo.  
(A stick turns away the decorations)  
(A stick slips off the decorations)
  
- g) Amaqoqo aphambuka endukwini.  
(The decoration turns away from the stick)  
(The decorations slip off from the stick)
  
- i) Ipeki iphambuka umphini.  
(A pick-axe turns off the handle)  
(A pick-axe looses the handle)
  
- j) Umphini uphambuka epekini.  
(The handle turns off from the pick-axe)  
(The handle looses from the pick-axe.)



- k) Imoto iphambuka ioyile.  
 (The car turns down the oil)  
 (The car wastes the oil)  
 The oil does not get inside the car.
- l) loiyile iphambuka emotweni.  
 (The oil turns down from the car)  
 (The oil get wasted from the car)

Qwalasela ingcaciso yelekhisikoni malunga nolwakhiwo lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko lwe adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (14a ,c, e, g, l, k):

$$\left[ \begin{array}{l} i - \text{adyumentu 1} = \text{into enyeziwe ngumntu} \\ i - \text{adyumentu 2} = \text{ibinzana lesibizo into engaphefumliyo, (umxholo)} \\ \text{Isiganeko} = \text{inguqulo.} \end{array} \right]$$

Izivakalisi eziku (14b, d, f, h, j, l) ingcaciso yelekhisikoni malunga nolwakhiwo lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka ibonakaliswe ngolu hlobo: \_

$$\left[ \begin{array}{l} i - \text{adyumentu 1} = \text{into engaphefumliyo umseholo} \\ i - \text{adyumentu 2} = \text{into eyenziwe ngumntu, indawo} \\ \text{Isiganeko} = \text{inguqulo} \end{array} \right]$$

Khawuqwalasele uphononongo lokwakhiwa kwenjongosenzi: -

Okokuqala ukusentyenziswa kwesivumelanisi senjongosenzi : Okubalulekileyo ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi kwezivakalisi eziku (14a, c, e, g, l, k) Ngasentla azihambelani nezivumelanisi senjongosenzi kwindawo yentloko kwisenziwa ngolu hlobo lungezantsi: -

- 15 a) Ibhayisekile iphambuka ivili.  
 (The bicycle turns out the wheel)  
 (The bicycle slips out the wheel.)

- i) \* Ibhayisekile iyaliphambuka ivili.  
(The bicycle is turing of the wheel)  
(The bicycle is slipping out the wheel)
- ii) \* Ivili liphambukwa yibhayisekile.  
(The wheel is being turned out by the bicycle)  
(The wheel is being slipped out by the bicycle)
- b) Imoto iphambuka isipili.  
(The car turns aside the mirror)  
(The car reels the mirror)
- i)\* Imoto iyasiphambuka isipili.  
(The car is turning aside the mirror)  
(The car is reeling the mirror)
- ii) \* Isipili siphambukwa yimoto.  
(The mirror is being turned aside by the mirror)  
(The mirror is being reeled by the mirrow)
- c) Uphahla luphambuka ingca.  
(The roof turns away grass)  
(The roof scatters about the grass.)
- i)\* Uphahla luyayiphambuka ingca.  
(The roof is turning away the grass)  
(The roof is scattering about the grass)
- ii) \*Ingca iphambukwa luphahla.  
(The grass is being turned away by the roof.)  
(The grass is being scattered about by the roof.)
- d) Induku iphambuka amaqoqo.  
(The stick turns away the decorations)  
(The stick slips off the decorations)



- i)\* Induku iyawaphambuka amaqoqo.
- ii) \* Amaqoqo aphambukwa yinduku.  
(The decorations are being turned away by the stick)  
(The decorations are being slipped off by the stick)
- e) Ipeki iphambuka umphini.  
(The pick-axe turns off the handle)  
(The pick-axe loosens the handle)
- i) \* Ipeki iyawuphambuka umphini.  
(The pick-axe is turning off the handle)  
(The pick-axe is loosening the handle)
- ii) \* Umphini uphambukwa yipeki.  
(The handle is being turned off by the pick-axe)  
(The handle is being loosened by the pick-axe)
- f) Imoto iphambuka ioyile.  
(The car turns down the oil)  
(The car is wasting the oil)
- i) \* Imoto iyayiphambuka ioyile.  
(The car is turning down the oil)  
(The oil is being wasted by the car)
- ii) \* Ioyile iphambukwa yimoto.  
(The oil is being turned down by the car)  
(The oil is being wasted by the car)

Malunga nezivakalisi ezilapha ngentla ibinzana lesenzi yi adyumentu yendawo kwizivakalisi eziku (a – f) yaye ayi bonakalisi zimpawu eziqhelekileyo ezinxulumene kwimfezekiso yenjongosenzi yesenzi:

### 3.2.2 Ulwakhiwo lwesiganeko lwendawo yotshintsho oluyintloko lwezivakalisi. Indawo yebinzana lesibizo [emva kwesenzi.]

Apha okubalulekileyo kukuphonononga ukuba izivakalisi eziku (15 a,c, e, g, l, k) zikwazi Ukuthatha isihlomelo sokumis' ixesha kunye nezihlomelo zohlobo okanye isihlomelo sesixhobo, ngolohlobo kukuchaza uhlobo lwesiganeko kwizivakalisi ezikhankanywe ngentla.

- 16 a) Uphahla luphambuka ingca ebusika.  
(The roof turns away the grass in winter)  
(The roof scatters the grass in winter)
- b) Ingca iphambuka eluphahleni ebusika.  
(The grass turns away from the roof in winter)  
(The grass scatters about from the roof in winter)
- c) Ibhayisekile iphambuka ivili ngesiquphe.  
(The bicycle turns out the wheel unexpectedly)  
(The bicycle slips out the wheel unexpectedly)
- d) Ivili liphambuka ebhayisekileni ngesiquphe.  
(The wheel turns out from the l bicycle unexpectedly)  
(The wheel slips out from the bicycle unexpectedly)
- e) Imoto iphambuka isipili ngesandla.  
(The car turns aside the mirror with a hand)  
(The car reel the mirror with a hand)
- f) Isipili siphambuka emotweni ngesandla.  
(The mirror turns aside from the car with a hand)  
(The mirror reels from the car with a hand)
- g) Induku iphambuka amaqoqo ngemela.  
(The stick turns away the decorations with a knife)  
(The stick slips off the decorations with a knife)



- h) Amaqoqo aphambuka endukwini ngemela.  
(The decorations turn away from the stick with a knife)  
(The decorations slip off from the stick with a knife.)
- i) Induku iphambuka umphini emini.  
(The pick-axe turns off the handle at midday)  
(The pick-axe loses the handle at midday)
- j) Umphini uphambuka epekini emini.  
(The handle turns off the pick-axe at midday)  
(The pick-axe loosens the handle at midday)
- k) Imoto iphambuka ioyili kusasa.  
(The car turns down the oil in the morning)  
(The car destroys the oil in the morning)
- l) Ioyili iphambuka emotweni kusasa.  
(The oil turns down from the car in the morning.)  
(The oil turns destroys from the car in the morning.)

Apha kukho ukungamkeleki kwezihlomelo zobume eziya ziku (16a, c, e, g, l, k). Izihlomelo zokumis'ixesha zamkelekile kwizivakalisi eziku (16b, d, f, h, j, l). Xa izihlomelo zokumis'ixesha zingamkeleki loo into ithetha ukuba isenzi u – phambuka ubonakale kwizivakalisi ezingezizo iziphumezi zohlobo lwesiganeko. Izihlomelo zokumis'ixesha zingabonakaliswa njengezona zivakalisi zokuphumeza kunye nezivakalisi zokufezekisa kodwa ayamkeleki loo nto kwizivakalisi eziluhlobo lwendawo yobume. Iintlobo zendawo zibubude bexesha. Izivakalisi eziku (16a, c, e, g, l, k) ziboniswe ngolu hlobo:-

{
 i – adyument 1 = into eyenziwe ngumntu indawo  
 i – adyument 2 = into umxholo  
 Isiganeko = isifezekiso.

Zona izivakalisi eziku (16 b,d,f,h,j,l) ziboniswe ngolu hlobo:-

- |   |   |   |
|---|---|---|
| { | i – adyument 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko,umxholo<br>l – adyument 2 = isalathandawo, isalathandawo<br>i - isiganeko = ubume. | } |
|---|---|---|

### 3.2.3 Uhlobo lolwakhiwo lwesiganeko.

Okuqaphelekayo apha ngezantsi kusaqhubeka utshintshwano lwezivakalisi. Izivakalisi eziku (ii) ku 17(a-d)zitshi - ntshana neziku (i)ku17(a-d). Kwakhona kukho apha ngezantsi igatya lesihlanganisi lokumis' ixesha. Eligatya lesihlanganisi lokumis'ixesha libonakala kushintshwano olubini. Nalo ke luthi lwamkeleke kutshintshwano olubini ngokwegatya lesihlanganisi lokumis'ixesha phaya ku 16(a,c,e,g,l,k) izivakalisi ebezingathathi zihlomelo zohlobo zithi nazo apha ngezantsi u 17(a-d) zamkeleke ngokwegatya lesihlanganisi lokumis'ixesha.

- 17 a) (i)Ibhayisekile iphambuka ivili xa ibalekiswayo.  
 (The bicycle turns the wheel when it is running)  
 (The bicycle slips out the wheel when it is running.)
- (ii)Ivili liphambuka ebhayisekileni xa ibalekiswayo.  
 (The wheel turns out from the bicycle when it is running.)  
 The wheel slips out from thebicycle when it is running.)
- (b) (i) Uphahla luphambuka ingca xa igugile.  
 (The roof turns away grass when it is old)  
 (The roof scattered away the grass when it is old)
- (ii) Ingca iphambuka eluphahleni xa igugile.  
 (The grass turns away from the roof when it is old)  
 (The grass scattered about the roof when it is old)
- (c) (i) Imoto iphambuka isipili xa sigiliwe.  
 (The motor turn aside the mirror when it is touched)  
 (The motor reels the mirror when it is touched)



- (d) (i) Ipeki iphambuka umphini xa yombayo.  
 (The pick – axe turns off the handle when it is digging)  
 (The pick – axe loosens the handle when it is digging)

Amasuntswana entsingiselo egama alandelayo angafaniswa nesenzi igama u- phambuka kwizivakalisi ezinebinzana lesibizo eliyintloko apho kubonakala into eyenziwe ngumntu apha ku (14a,c,e,g,l,k) ngasentla. Ezi zivakalisi zibonisa umzekelo wenguqulo yamagama ingqiqo elokhisikoni :

- Phambuka

- (18) (a) 'turn' slip
- (i) Ibhayisekile iphambuka ivili.  
 (The bicycle turns out the wheel)  
 (The bicycle slips out the wheel)
- (ii) Imoto iphambuka isipili.  
 (The car turns aside the mirror)  
 (The car reels the mirror.)
- (b) 'turn' / 'scatter'
- Uphahla luphambuka ingca.  
 (The roof turns away grass)  
 (The roof scatters about the grass)
- (c) 'waste' / turn
- Imoto iphambuka ioyile.  
 (The car turns down the oil)  
 (The car wastes the oil.)

Ibinzana lesibizo esiyintloko [Ubumini, into umntu eyeyakhe]

Kulomsebenzi ungezantsi ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumenti yomxholo bubumnini, isenzi u-phambuka walatha imfezekiso yesalathandawo. Qwalasela ezilapha ngezantsi ziyatshintshana. Isalathandawo sibonisiwe i adyumenti eyenzeka njengentloko yebinzana lesibizo.

Imfezekiso yebinzana lesibizo itolikwe njengomxholo.

- (19) (a) Isithuthi siphambuka endleleni.  
(The vehicle turns away from the road)  
(The vehicle strays at the road)
- (b) Indlela iphambuka isithuthi.  
(The road turns away the vehicle)  
(The road strays the vehicle.)
- (c) Uswazi luphambuka emntwaneni.  
(The cane turns from the child.)  
(The cane misses the child.)
- (d) Umntwana uphambuka uswazi.  
(The child turns the cane.)  
(The child misses the cane.)
- (e) Isitulo siphambuka emnweni.  
(The chair turns on the finger.)  
(The chair presses the finger.)
- (f) Umnwe uphambuka isitulo.  
(The finger turns the chair.)  
(The finger presses the chair)  
The chair is pressed on the finger.
- (g) Imfuyo iphambuka edlelweni.  
(The livestock turns at the grazing land)  
(The livestock deviate from at the grazing land.)
- (h) Idlelo liphambuka imfuyo.  
(The grazing land turns the livestock)  
(The grazing land deviates the livestock.)



Qwalasela oku kulandelayo: -

{	i - adyumentu yokuqala = ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo	}
	i - adyumentu yesibini = isalathandawo, mvelaphi	
	isiganeko = inguqulo	

Lomboniso ungentla uvelisa i – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (19a; c;e;g) Kwakhona qwalasela apha ngezantsi: -

{	i - adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, imvelaphi	}
	i - adyumentu 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo	
	i - siganeko = inguqulo.	

Malunga nelekhisikoni ulwakhiwo lwe adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika-phambuka kwizivakalisi eziku (19b; d;f;h) lubonakaliswe ngolu hlobo lungentla.

Nalapho imfezekiso yebinzana lesibizo lesenzi u-phambuka ayiziphathi njengenjongosenzi: -

Okungamkelekanga kwimofoloji yesenzi sisimamva semvumelwano senjongosenzi ngenxa yokungabikho mfezekiso echazwe njengemvelaphi. Okwesibini ibinzana lesibizo alinakuveliswa kwindawo yentloko kwisenziwa. Yiyona ndlela ke le yokwenza imeko yenjongosenzi kulwimi lwesixhosa.

- a) i) Indlela iphambuka isithuthi.  
(The road turns away the vehicle)  
(The road strays the vehicle)
- ii) \* Indlela iyasiphambuka isithuthi.  
(The road is turning away the vehicle)  
(The road is straying the vehicle)
- iii) \* Isithuthi siphambukwa yindlela  
(The vehicle is being turned by the road)  
(The vehicle is being strayed by the road)

- b) i) Umtwana uphambuka uswazi.  
(The child turns the cane)  
(The child misses the cane)
- ii) \* Umtwana uyaluphambuka uswazi.  
(The child is turning the cane)  
(The child is missing the cane)
- iii) \* Uswazi luphambukwa ngumtwana.  
(The cane is being turned by the child)  
(The cane is being missed by the child)
- c) i) Umnwe uphambuka isitulo.  
(The fingers turn the chair)  
(The fingers presses the chair)
- ii) \* Umnwe uyasiphambuka isitulo.  
(The fingers is turing the chair)  
(The finger is pressing the chair)
- iii) \* Isitulo siphambukwa ngumnwe.  
(The chair is being turned by the finger)  
(The chair is being pressed by the finger)
- d) i) Idlelo liphambuka imfuyo.  
(The grazing land turns the livestock)  
(The grazing land deviates the livestock)
- ii) \* Idlelo liyayiphambuka imfuyo.  
(The grazing land is turning the livestock)  
(The grazing land is deviating the livestock)
- iii) \* Imfuyo iphambukwa lidlelo.  
(The livestock is being turned by the grazing land)  
(The livestock is being deviated by the grazing land)



I-adyumenti yomxholo apha kwezi zivakalisi zingentla ibinzana lesibizo lisemva kwesenzi, yaye azizekelisi iimpawu ezizizo ezinxulumene nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi. Nalapha ndibonisa inkcaza yelekhiskoni ngokolwakhiwo lwe – adyumenti kunye nolwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (i) kwizivakalisi zika 20 a – d): -

$$\left[ \begin{array}{l} i - \text{adyumenti 1} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo} \\ i - \text{adyumenti 2} = \text{ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, ubuminini} \end{array} \right]$$

Izivakali eiku (20 a- d) ziboniswe ngolu hlobo: -

$$\left[ \begin{array}{l} i - \text{adyumenti yokuqala} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko ubuminini} \\ i - \text{adyumenti yesibini} = \text{ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo} \end{array} \right]$$

Olwesiganeko somxholo wotshintsho, oluyintloko lwezivakalisi : Imvelaphi yebinzana ibonakala emva kwesenzi

Injongo yeli candelo kukuvavanya ukubanako kwezivakalisi (19) zithathe izihlomelo zokumis' ixesha kunye nezihlomelo zohlobo. Ngalendlela ndibonakalisa uhlobo lwesiganeko lwezivakalisi eziku (19) a; c; e; g) ezithi zitshintshane neziku (19 b; d; f; h) Ziye zaphindwa ke ezi zivakalisi apha ku (21) ngezantsi.

- 20)            a)    Isithuthi siphambuka endleleni xa kumnyama.  
                       (The vehicle turns away from the road when it is dark)  
                       (The vehicle strays from the road when it is dark)
- b)    Indlela iphambuka isithuthi xa kumnyama.  
                       (The road turns away the vehicle when it is dark)  
                       (The road strays the vehicle when it is dark)
- c)    Uswazi luphambuka emntwaneni xa ephula-phula  
                       (The cane turns away from the child when she is listening)  
                       (The cane misses the child when she is listening)

- d) Umtwana uphambuka uswazi xa epula-phuka  
 (The child turns away the cane when she is listening)  
 (The child misses the cane when she is listening), i.e. The child cannot be punished when she has a good behaviour.
- e) Isitulo siphambuka emnweni xa kumnyama.  
 (The chair turns on the finger when it is dark)  
 (The chair presses down the finger)
- f) Umnwe uphambuka isitulo xa kumnyama.  
 (The finger turns on the chair when it is dark)  
 (The finger presses down the finger)
- g) Imfuyo iphambuka edlelweni kusasa.  
 (The livestock turns at the grazing land in the morning)  
 (The livestock deviates at the grazing land in the morning)
- h) Idlelo liphambuka imfuyo kusasa.  
 (The grazing land turns the livestock in the morning)  
 (The grazing land is where the livestock deviates in the morning)

Okubalulekileyo izihlomelo zokumisi' ixesha ziyaguquka, zibonakala kwisenzi u-phambuka. Kwizivakalisi eziku (21a; c; e; g) izihlomelo zokumisi ixesha zamkelekile. Xa sijonga kwizivakalisi (21b; d; f; h) azivumelekanga, ngokwezi hlomelo zokumis' ixesha zamkelekile. Xa sijonga kwizivakalisi zokumis'ixesha. Izihlomelo zokumisi' ixesha zivezwe njengezona zivakalisi zezifizekiso kunye nezivakalisi zezifizekisi zephanyazo. Loo nto ayenzeki kwizivakalisi eziluhlobo lwendawo yobume. Iintlobo zendawo zisuka zibe bubume bexesha. Leyantlukwano yohlobo lwesiganeko iboniswe: -

{	i - adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, ubumnini i - adyumentu 2 = isalathandawo, umvelaphi isiganeko = isifezekiso	}
---	--	---

oku kungentla kubonisa izivakalisieziku (21a; c; e; g)



Izivakalisi eku (21b; d; f; h) ziboniswe ngolu hlobo: -

- |   |   |   |
|---|---|---|
| { | i - adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo<br>i - adyumentu 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi ubuminini<br>isiganeko = isifezekiso sephanyazo. | } |
|---|---|---|

### 3.2.4 Uhlobo lolwakhiwo lwesiganeko

Apha ngezantsi kukho izivakalisi ezi ku (ii) phantsi ko (22) zithetha nto nye. Kuhlobo lwesiganeko lwezivakalisi isenzi u-phambuka ku (i) xa ndithelekisa isenzi (ii) izivakalisi igatya lesihlanganisi lokumis'ixesha luvela kutshintshwano oluntlumbini apha ngezantsi ziboniswa ngokungafaniyo nezivakalisi ezilapha ngentla (ku 22) ngoba zona azinazo izihlomelo zokumisi' xesha. Qwalasela ke apha kwezi zivakalisi zingezantsi: -

- 21) a) i) Isithuthi siphambuka endleleni xa sisesikhululweni.  
 (The vehicle turns aside from the road when it is at the stop)  
 (The vehicle stops aside when it is at the stop)
- ii) Indlela iphambuka isithuthi xa sisesikhululweni.  
 (The road turns aside the vehicle when it is at the stop)
- b.) i) Isitulo siphambuka emnweni xa siwile.  
 (The chair turns on the finger when it falls.)  
 (The chair presses the finger when it falls.)
- ii) Umnwe uphambuka isitulo xa siwile.  
 (The finger turns the chair when it falls.)  
 (The finger presses the chair when it falls.)  
 (The finger presses the chair when it falls.)  
 The finger is being pressed by the chair when it falls.
- c) i) Imfuyo iphambuka edlelweni xa ikhatshelwe.  
 (The livestock turns at the grazing land when they are taken to pasture.)

(ii) Idlelo liphambuka imfuyo xa ikhatshelwe.

(The grazing land turns the livestock when they are taken to pasure.)

(a) Uswazi luphambuka emntwameni xa egudisa.

(The stick turns away from the child when she is good.)

(The stick misses the child when she is good.)

(a) Umntwana uphambuka uswazi xa egudisa.

(The child turns away the stick when she is good.)

(The child misses the stick when she is good.)

Izivakalisi ezi (i) izihlomelo zegatya lesihlanganisi lokumis'ixesha libonisa isenzi esingu – phambuka phaya ku (23.a – e) kunye nezivakalisi eziku(ii) zika 23(a-e)lwamkelekile kutshintshwano olubini. Xa siqwalasela kwizivakalisi eziku (22) izihlomelo zokumis isixesha. Zivumeleke ku (22 a,c,e,g). Xa siqwalasela kwizivakalisi eziku (22 b,d,f,h) azamkelekanga izihlomelo zokumis' ixesha.

Ngokwenkcaza yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumenti nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (i) ku (23 a –e) kuvezwe ngokolu hlobo lulandelayo:-

{	i – adyumenti 1= ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo, ubumnini
	i – adyumenti 2 = isalathandawo, imvelaphi
	Isiganeko = isifezekiso sephanyazo.

Zona izivakalisi eziku 23 eziku (ii) ku 23 a-e) zibonakaliswe ngolu hlobo:-

{	i – adyumentii 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko ,imvelaphi
	i– adyumenti 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo, ubumnini.
	Isiganeko = isifezekiso sephanyazo.

Isemantiki yelekhisikoni ngokwesuntswana lentsingiselo yegama nempatho yentsingiselo ezesenzi u – phambuka ibonakaliswe kwizivakalisi eziku (23). Amasuntswana entsingiselo egama alandelayo angafaniswa nesenzi u – phambuka kwizivakalisi ezinebinzana lesibizo esiyintloko elibonisa ubumnini njengalapha u (19 a,c, e,g) ngentla, ezibonisa umzekeliso wenguqulo yamagama engqiqo elekhisikoni.



## - Phambuka

23. (a) 'press'
- i) Isitulo siphambuka emnweni.  
(The chair turns on the finger.)  
(The chair presses the finger)
- (b) miss
- l) Uswazi luphambuka emntwaneni.  
(The stick turns away from the child.)  
(The stick misses the child.)
- c) stop'
- i) Isithuthu siphambuka endleleni.  
(The vehicle turns aside from the road.)  
(The vehicle stops aside from the road.)

**3.2.5 Ibinzana lesibizo esiyintloko [umdlalo]**

Apha kwezi zivakalisi zilandelayo ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumentu ngumdlalo. Isenzi u – phambuka uyimfezekiso yesalathandawo. Izivakalisi eziku (25 a,c, e,g,). Apha ke i - adyumentu eyenzeka njengentloko yebinzana lesibizo ibonisa imvelaphhi. Imfezekiso yebinzana lesibizo yaziswe njengomxholo.

- 25) (a) Umbhoxo uphambuka emgceni.  
(Rugby turns away from the line.)  
(Rugby goes out of the line.)
- (b) Umgca uphambuka umbhoxo.  
(The line turns away the rugby.)  
(The line goes out The rugby,) , i.e. The line is where the rugby goes out.
- (c) Athletiki iphambuka eDutywa.  
(Athletics turns back from Idutywa.)  
(Athletics returns from Idutywa.)

- (d) Idutywa iphambuka I – athletiki.  
(Idutywa turns back athletics.)  
(Idutywa returns athletics.)
- (e) Ibhola ekhatywayo iphambuka ezipalini.  
(A soccer ball turns at the goal poles.)  
(A soccer ball scores at the goals.)
- (f) Iipali ziphambuka ibhola ekhatywayo.  
(The goals/poles turns the soccer ball.)  
(The goals score the soccer ball.)
- (g) Uggaphu uphambuka ebusweni.  
(Skipping rope turns on the face.)  
(Skipping rope whips on the face.)
- (h) Ubuso buphambuka uggaphu.  
(The face turns the skipping rope.)  
(The face whips the skipping rope.)

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumenti kunye nolwakhiwo lesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (25 a, c, e,g) ibonakaliswe njengolu hlobo lulandelayo:-

$$\left[ \begin{array}{l} \text{I – adyumenti yokuqala} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko, mvelaphi} \\ \text{i – adyumenti yesibini} = \text{ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, salathandawo} \\ \text{Isiganeko} = \text{inguqulo.} \end{array} \right]$$

Inkcaza yelekhisikoni malunga nobunjo lwe-adyumenti nobunjo lwesiganeko sika- phambuka kwizivakalisi eziku (25 b, f, h ) zibonakaliswe ngolu hlobo:-

$$\left[ \begin{array}{l} \text{i – adyumenti 1} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko, mvelaphi} \\ \text{i – adyumenti 2} = \text{ibinzana lesibizo, umxholo} \\ \text{Isiganeko} = \text{inkqubo} \end{array} \right]$$



Kukwakho nemeko yokungathathi njongosenzi kwimfezekiso yebinzana lesibizo kwintloko yemvelaphi yezivakalisi ezitshintshanayo eziku (26,b,d,f,h). Izivakalisi ezilandelayo zibonisa ukuba imfezekiso yebinzana lenjongosenzi lesenzi – u phambuka ayiziphathi njengo bumbo – zivakalisi ziqhelekileyo esixhoseni.

- i) Kukho izinto ezingavumelekanga kwimofoloji yesenzi:- isimamva sovumelwano senjongosenzi sokungabikho imfezekiso echazwe njenge mvelaphi: Okulandelayo ibinzana lesibizo alinakubekwa kwindawo yentloko. Oku kulandelayo kubonisa impawu ekwenzeni imeko yenjongosenzi kwisixhosa.

- 26) a) Ibala liphambuka ibhola.  
(The playground turns out the ball.)  
(The playground roll out the ball.), i.e. The ball falls out of the playground.
- i) \* Ibala liyayiphambuka ibhola.  
(She playground is turning out the ball.)  
(The playground is rolling out the ball.)
- ii) \* Ibhola iphambukwa libala.  
(The ball is being turned out by the playground.)  
(The ball is being rolled out by the playground.)
- b) Umgca uphambuka umbhoxo.  
(The line turns the rugby ball)  
(The line controls the ball)
- i)\* Umgca uyawuphambuka umbhoxo.  
(The rugby ball is being turned by the line)  
(The rugby ball is being controlled by the line.)
- ii)\* Umbhoxo uphambukwa ngumgca.  
(The rugby ball is being turned back by the line)  
(The rugby ball is being controlled by the line)

- c) Iathletiki iphambuke Idutywa.  
 (The athletics turns at Idutywa.)  
 (The athletics returns from Idutywa)
- i)\* Iathletiki iyayiphambuka idutywa  
 (Athletics is turning Idutywa)  
 (Athletics is returning Idutywa.)  
 (The athletics goes back from Idutywa)
- ii) \* Idutywa iphambukwa yiathletiki.  
 (Idutywa is being turned by athletics)  
 (Idutywa is being returned by athletics)
- b) Uggaphu uphambuka ebusweni.  
 (The skipping rope turns at the face)  
 (The skipping rope whips the face)
- i) \* Uggaphu uyabuphambuka ubuso.  
 (The skipping rope is turning the face)  
 (The skipping rope is whipping the face)
- ii) \* Ubuso buphambukwa nguggaphu.  
 (The face is being turned by the skipping rope)  
 (The face is being whipped by the skipping rope)

Qaphela ukuba kwizivakalisi ezingentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi liyi-adyumenti yomxholo. Izivakalisi eziku (27a – d). azizekelisi iimpawu ezizizo ezinxulumene nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumenti kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (i) zika (27 a – d) ibonakalisiwe ngolu hlobo lulandelayo: -

- |   |   |   |
|---|---|---|
| { | i - adyumenti 1 = ibinzane lesibizo esiyintloko imvelaphi<br>i - adyumenti 2 = ibinzana lesibizo, esiyinjongosenzi umxholo<br>isiganeko = ubume | } |
|---|---|---|



Ingcaciso yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko u-phambuka kwizivakalisi eziku (ii) zika (27 a – d) ibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo: -

{	i - adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko umxholo i - adyumentu 2 = ibinzana lesibizo, mvelaphi isiganeko = ubume	}
---	---	---

Ulwakhiwo lwesiganeko somxholo wotshintsho oluyintloko lwezivakalisi: Imvelaphi yebinzana lesibizo ibonakala emva kwesenzi.

Apha eyona nto ibalulekileyo kukuphonononga ukubanakho kwezivakalisi eziku (25) zithathe izihlomelo zokumis'ixesha kunye nezihlomelo zohlobo. Ngaloo ndlela kucaciswe uhlobo lwesiganeko kwizivakalisi eziku (25a; c; e; g) nezithelekiswe neziku (25b; d; f; h) eziphindiweyo apha ngezantsi : -

- 27) a) Umbhoxo uphambuka emgceni nomdlali.  
 (Rugby turns away from the line by the player)  
 (Rugby goes out of line by the player)
- b) \* Umgca uphambuka umbhoxo nomdlali.  
 (The line turns away the rugby by the player)  
 (The line goes out the rugby by the player)  
 (The line is where the rugby goes out by the player)
- c) Iathletiki iphambuka eldutywa ehlotyeni.  
 (Athletics turns back from the idutywa in summer)  
 (Athletics returns from Idutywa in summer)
- d) \* Idutywa iphambuka iAthletiki ehlotyeni.  
 (Idutywa turns back athletics in summer)  
 (Athletics returns from Idutywa in summer)
- e) Ibhola ekhatywayo iphambuka ezipalini ngumgadi.  
 (The soccer ball turns at the goals by the goal keeper)  
 (The soccer ball returns from the goals by the goal keeper)

- f) \* lipali ziphambuka ibhola ekhatywayo ngumgadi.  
 (The goals turns the soccer ball by the goal keeper)  
 (The goals returns the soccer ball by the goal keeper)
- g) Uggaphu uphambuka ebusweni xa ekhawuleza.  
 (The skipping rope turns on the face when it has been played quickly)  
 (The skipping rope whips on the face when it has been played quickly)
- h) \*Ubuso buphambuka uggaphi xa ekhawuleza.  
 (The face turns the skipping rope when it has been played quickly)  
 (The face whips the skipping rope when it has been played quickly)

Malunga eziku (27) nokutshintshana kwazo eziya ziku (27a, c, e, g) zamkelekile kuzo izihlomelo zokumis'ixesha. Kodwa kweziya ziku (27 b; d; f;h) azamkelekanga ezi zivakalisi malunga nezihlomelo zokumis'ixesha. Inkcazelo yelekhisikoni nokuchazwe apha ngentla izihlomelo zokumis' ixesha ezibonakala kwisenzi u-phambuka kwizivakalisi ngokolwakhiwo lwe- adyumentu kunye nolwakhiwo lwesi ganeko sika phambuka kwizivakalisi eziku (27a; c; e; g) ibonakaliswe ngolu hlobo lungezantsi : -

$$\left( \begin{array}{l} \text{i-adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko umdlalo (umxholo)} \\ \text{i-adyumentu 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongasenzi (imvelaphi)} \\ \text{isiganeko = isifezekiso} \end{array} \right)$$

Izivakalisi eziku (27b; d; f; h) zibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo: -

$$\left( \begin{array}{l} \text{i-adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko umdlalo, imvelaphi} \\ \text{i-adyumentu 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi umdlalo} \\ \text{isiganeko = isifezekiso sephanyazo} \end{array} \right)$$

### Uhlobo lolwakhiwo kwesiganeko.

Kwizivakalisi eziku (ii) zika (28 a – e) zitshintshana neziku (i) ku (28 a –e). Intsingiselo yazo iyafana. Malunga nodidi lwesiganeko lwezivakalisi u-phambuka ku (i) ku (28 a – d) igatya lesihlanganisi lokumis' ixesha lingabonakala ngokunjalo kutshintshwano olubini



endizakulubonakalisa apha kwezi zivakalisi zilandelayo : - Yaye ndizakuzichaza ngokungafaniyo kwizivakalisi eziku (27b; d; f; h) ngasentla yaye zona azithathi zihlomelo zokumis'ixesha.

- 28) a) i) Umbhoxo uphambuka emgceni xa ugityiselwe.  
(The rugbyball turns away from the line when it has been thrown)  
(The rugbyball goes out of the line when it has been thrown)
- ii) Umgca uphambuka umbhoxo xa ugityiselwe.  
(The line turns away the rugbyball when it has been thrown)  
(The line goes out the rugbyball when it has been thrown)
- b) i) Ibhola ekhatywayo iphambuka ezipalini xa ikhatyiweyo.  
(The soccer ball turns at the goals when it has been kicked)  
(The soccer returns at the goals when it has been kicked)
- ii) Iipali ziphambuka ibhola ekhatywayo xa ikhatyiweyo.  
(The goals turn the soccer ball when it has been kicked)  
(The goals returns from the soccer when it has been kicked)
- c) i) Iathletiki iphambuka eDutywa ngexesha lasehlotyeni.  
(Athletics turns at Idutywa in summer)  
(Athletics returns from Idutywa in summer)
- ii) Idutywa iphambuka iathletiki ngexesha lesehlotyeni.  
(Idutywa turns athletics in summer)  
(Idutywa returns athletics in summer)

Kwezi zivakalisi zingentla igatya lesihlanganisi lokumis'ixesha lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika – phambuka kwizivakalisi eziku (i) zika (28 a – e) ibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo: -

i-adyumentu 1 = umdlalo, umxholo i-adyumentu 2 = isalathandawo, indawo isiganeko = isifezekiso
--

Izivakalisi zika 28 ezika (ii) zibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo: -

{	i-adyumenti 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, imvelaphi i-adyumenti 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umdlalo isiganeko = isifezekiso sephanyazo	}
---	---	---

-phambuka

- (29) a) 'goes out'
- i) Umbhoxo uphambuka engceni  
(Rugby turns out of the line.)  
(Rugby goes out of the line.)
- b) 'score'
- i) Ibhola ekhatywayo iphambuka ezipalini.  
(The soccer ball turns at the goals)  
( The soccer ball scores at the goals)
- c) 'whip'
- i) Ugqaphu uphambuka ebusweni.  
(The skipping rope turns at the face)  
(The skipping rope whips on the face)

Kwezi zivakalisi zilapha ngezantsi ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumenti yomxholo luthungelwano. Imfezekiso yesalathandawo ithathwa sisenzi u-phambuka. Izivakalisi eziku (30b; d; f; h) iadyumenti eyenzeke njengentloko yebinzana lesibizo ibonakala ichazwe ngengomxholo.

- 30) a) Incoko iphambuka ematyaleni.  
(The talk turns in the court)  
(The talk becomes difficult in the court)  
=>Things become bad in the court.



- b) Amatyalaphambuka incoko.  
 (The court turns the talk)  
 (The court changes the talk)
- c) Ileta iphambuka eposini  
 (The letter turns back from the office)  
 (The letter returns back from the office)  
 =>It returns back when it has been signed /addressed wrongly.
- d) Iposi iphambuka ileta.  
 (The post office turns back the letter)  
 (The post office returns back the letter)
- e) Impikiswano iphambuka eofisini.  
 (An argument turns back in the office)  
 (An argument blurt out in the office)
- f) Iofisi iphambuka impikiswano.  
 (The office turns back an argument)  
 (The office blurt out an argument)
- g) Umyalezo uphambuka entlanganisweni.  
 (The message turns in the meeting)  
 (The message squanders in the meeting)
- h) Intlanganiso iphambuka umyalezo.  
 (The meeting turns the message)  
 (The meeting squanders the message)

Inkcazelo ngokolwakhiwo lwe – adyumenteni nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u-phambuka kwizivakalisi eziku (30a; c; e; g) ibonakala ngolu hlobo lungezantsi: -

{	i-adyumenteni 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko uthungelwana (umxholo)	}
	i-adyumenteni 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, isalathandawo, imvelaphi	
	isiganeko = inguqulo	

Qwalasela kwezi zivakalisi zilandelayo eziku (30b; d; f; h). Apha kubonakala imeko yokungathathi njongosenzi yimfezekiso yebinzana lesibizo kwintloko yemvelaphi okanye kumxholo wezi zivakalisi zitshintshanayo zingentla. Qaphela ukuba isimamva sovumelwano senjongosenzi sokungabikho mfezekiso etolikwe njengemvelaphi ayamekelakanga kwisithuba sentloko kwisenziwa. Ukutsho oko ndichaza okuqhubekayo ekubumbeni imeko yenjongosenzi kulwimi lwethu lwesixhosa: Khangela kwezi zivakalisi zilapha ngezantsi: -

- 31) a) Amatyala aphambuka incoko.  
 (The court turns the talk)  
 (The court changes the talk)
- i) \* Amatyala ayayiphambuka incoko.  
 (The court is turning the talk)  
 (The court is changing the talk)
- ii) \* Incoko iphambukwa ngamatyala  
 (The talk is being turned by the court)  
 (The talk is being changed by the court)
- b) Iposi iphambuka ileta.  
 (The post office turns back the letter)  
 (The post office returns back the letter)
- i)\* Iposi iyayiphambuka ileta.  
 (The post office is turning back the letter)  
 (The post office is returning back the letter)
- ii) \* Ileta iphambukwa yiposi.  
 (The letter is being turned back by the post office)  
 (The letter is being returned back by the post office)
- c) Iofisi iphambuka impikiswano.  
 (The office turns back tanargument)  
 (The office blurts out an argument)



- i) \* Iofisi iyayiphambuka impikiswano.  
 (The office is turing back an argument)  
 (The office is blurting out an argument)
- ii) \* Impikiswano iphambukwa yiofisi.  
 (An argument is being turned back by the office)  
 (An argument is being blurted out by the office)
- d) Intlanganiso iphambuka umyalezo.  
 (The meeting turns the message)  
 (The meeting squanders the message)
- i) \* Intlanganiso iyawuphambuka umyalezo.  
 (The meeting is turning the message)  
 (The meeting squanders the message)
- ii) \* Umyalezo uphambukwa yitlanganiso.  
 (The message is being turned by the meeting)  
 (The message is being squandered by the meeting)

Izivakalisi ezilapha ngentla zicacisa ukuba ibinzama lesibizo elisemva kwesenzi liyadyumenli yomxholo. Ndithetha ngezivakalisi eziku (31 a – d). ezi zivalisi okuqaphelekayo azizekelisi zimpawu ncakasana ezinxulumana nemfezeko yenjongosenzi yesenzi. Ime ngolu hlobo ke inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe adyumententi nolwakhiwo lwesiganeko kwisenzi u-phambuka phofu kwizivakalisi eziku (i) ku (31 a – d):-

$$\left( \begin{array}{l} i - \text{adyumententi 1} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko, imvelaphi} \\ i - \text{adyumententi 2} = \text{ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, ithungelwano} \\ \text{Isiganeko} = \text{ubume} \end{array} \right)$$

Qwalaselo malunga nolwakhiwo lwezivakalisi ezi ku (ii) ku (31 – a – d)

$$\left( \begin{array}{l} i - \text{adyumententi 1} = \text{ibinzana lesibizo esiyintloko, uthungelwano umxholo} \\ i - \text{adyumententi 2} = \text{ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, imvelaphi} \\ \text{isiganeko} = \text{Ubume.} \end{array} \right)$$

### 3.2.6 Ulwakhiwo lwesiganeko somxholo wotshintsho oluyintloko lwezivakalisi

Okuqhubekayo ke apha imvelaphi yebinzana lesibizo ivela emva kwesenzi. Apha ndivavanya okanye ndiphonononga ukuba izivakalisi eziku (31) zibenako ukuthatha okanye ukwamkela izihlomelo zokumis'ixesha kunye nezihlomelo zohlobo. Qwalasela kwezi zivakalisi zilapha ngezantsi kwakunye notshintshwano olo lwezi zivakalisi.

- (32) (a) Incoko iphambuka ematyaleni xa sekukudala.  
 (The talk turns in the court after a long time)  
 (The talk becomes difficult in the court after a long time)
- (b) Amatyala aphambuka incoko xa sekukudala.  
 (The court turns the talk after a long time)  
 (The court makes things difficult after a long time)
- (c) Ileta iphambuka eposini emva kwethuba.  
 (The letter turns back from the post office after a long time)  
 (The letter returns back from the post office after a long time)
- (d) Iposi iphambuka ileta emva kwethuba.  
 (The post office turns back the letter after a long time)  
 (The post office returns back the letter after a long time)

#### Uhlobo lolwakhiwo lwesiganeko

Igatyala lesihlanganisi lokumis'ixesha lingabonakala kutshintshwano olubonakala kabini oluyakuthi luvele apha kwizivakalisi ezilandelayo:-

- 33) Incoko iphambuka ematyaleni xa kufiike umantyi.  
 (The talk turns in the court when the magistrate has arrived)  
 (The talk becomes difficult in the court when the magistrate has arrived)
- ii) Amatyala aphambuka incoko xa kufiike umantyi.  
 (The court turns the talk when the magistrate has arrived)  
 (The court becomes difficult to talk when the magistrate has arrived)  
 => Things become difficult.



- b) Ileta iphambuka eposini xa ilahlekile.  
 (The letter turns back from the post office when it has lost)  
 (The letter returns back from the post office when it has lost)
- ii) Iposi iphambuka ileta xa ilahlekile.  
 (The post office turns back the letter when it has lost)  
 (The post office returns back the letter when it has lost)
- c) Isikhalazo siphambuka ekhayeni xa kufundwa iziphumo.  
 (A complaint turns at home when the results have read)  
 (A complaint sounds at home when the results have read)
- ii) Ikhaya liphambuka isikhalazo xa kufundwa iziphumo.  
 (Home turns to complaint when the results have read)  
 (Home sounds a complaint when the results have read)

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u-phambuka kwizivakalisi eziku (i) zibonakaliswe ngolu hlobo:-

{	i-adyument 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, uthungelwano (umxholo)
	i-adyument 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, imvelaphi
	isiganeko = isifezekiso sephanyazo.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u-phambuka kwizivakalisi eziku (ii) ngentla ibonakaliswe ngolu hlobo lungezantsi:-

{	i-adyumentu 1 = ibinzana lesibizo esiyintloko, imvelaphi
	i-adyumentu 2 = ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, uthungelwano
	isiganeko = isifezekiso sephanyazo

Ndiphetha ndibonakalisa isemantiki yelekhisikoni ngokwesuntswana lentsingiselo yegama neendlela intsingiselo ezininzi zesenzi – uphambuka zizibonakalisa ngayo xa sithi sijonge apha ngezantsi ku (34). Amasuntswana entsingiselo yegama alandelayo angafaniswa nesenzi u-phambuka kwizivakalisi ezinebinzana lesibizo esiyintloko esibonisa (uthungelwano). Inguqulelo yamagama engqiqo elekhisikoni ime ngolu hlobo:-

- 34) a) 'turn'; 'squander'
- i) Intlanganiso iphambuka umyalezo.  
(The meeting turns the message)  
(The meeting squanders the message)
- b) 'difficult'
- i) Incoko iphambuka ematyaleni.  
(The talk turns in the court)  
(The talk becomes difficult in the court)
- c) 'sound'
- i) Isikhalazo siphambuka ekhayeni.  
(A complaints turns at home)  
(A complaint sounds at home)

### 3.2.7 Isishwankathelo

Kwesisahluko kuphononongwa inkcazelo ethe gca ngokwekati emhlophe ehlungwini malunga noluhlu lweendidi ezikhethekileyo zebinzana lesibizo esiyintloko se-adyumenthi yesenzi esingu-phambuka. Kwakhona kubekho nochazo olungafaniyo olwenziwa ngokwamagama endibaniso e-adyumenthi zemfezekiso. Ndiye ndabonisa ukuba isenzi u-phambuka senzeka njani xa izivakalisi zibonakalisa utshintshwano olwahlukeneyo kuphinde notoliko lwahlukane.

Kubekho utshintshwano lwezivakalisi oluthi libonakalise ibinzana lesibizo elithabatha injongosenzi. Ndiye ndakubonakalisa ngokupheleleyo ukuba zikhona izivakalisi ezibe nakho ukuthatha izihlomelo zokumis'ixesha kodwa ezinye izivakalisi zingabinako ukwenza njalo.



## ISAPHLUKO 4

### UHLALUTYO LWESEMANTIKI MALUNGA NEPOLISEMI YAMAGAMA NGOKUSEBENZISA ISENZI U –JIKA

#### 4.1 INTSHAYELELO

Okubalulekileyo kwesi sahluko kukuba isenzi u-jika usebenza kanjani kwizivakalisi ngokwesemantiki yelekhisikoni. Okunye okubalulekileyo kukuqwalasela ukuba yintoni eqaphelekayo kwezi zivakalisi zinesisenzi esingu -jika. Okunye okuqaphelekayo kukuba izihlomelo zokumis'ixesha namagatya ezihlanganisi okumi'isixesha aza kubonakala njani.

#### 4.2 IIMPAWU EZIKHETHIWEYO ZEBINZANA LESIBIZO ESIYINTLOKO

##### 4.2.1 Ibinzana lesibizo esiyintloko [uluntu].

Apha okubalulekileyo kukuphonononga uludwe lweendidi ezinyuliweyo zebinzana lesibizo esiyintloko se- adyumentu yesenzi u-jika. Kuza kubonakala ukuba u-jika uvela kanjani kwizivakalisi ezitshintshanayo ezingafaniyo ezibonisa isiphumo senkcazelo eyahlukeneyo kunye namasuntswana entsingiselo egama elingu-jika. Kwizivakalisi ezilapha ngezantsi ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumentu yomenzeli luluntu. Apha ke esisenzi singu –jika sibonisa imfezekiso yesalathandawo. Qwalasela kwezi zivakalisi zilandelayo :

##### **Jika [uluntu]**

1. a) Isiquququ sijika ekhitshini.  
(An agile person turns from the kitchen).  
(An agile person works in the kitchen).
- b) Ikhithi lijika isiquququ.  
(The kitchen is where an agile person turns).  
(The kitchen is where an agile person works).
- c) Inggondi ijika edyunivesithi.  
( An intelligent turns from the university).  
(An intelligent utilizes the university).

Idyunivesithi ijika ingqondi.

(The university turns the intelligent).

(The university utilizes the intelligent).

d) Uchwenene ujika eludakeni.

(A gentleman turns back from the mud).

(A gentleman returns back from the mud).

e) Udaka lujika uchwenene.

(The mud turns back the gentleman).

(The mud returns back the gentleman)., i.e. the mud is where the gentleman turns back

f) Umqwebedu ujika entolongweni.

(The hardened criminal turns at the prison).

(The hardened criminal arrests in the prison).

Ngokolwakhiwo lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u –jika ku (1a, c, e,g) ilekhisikoni ibonakala ngolu hlobo lulapha ngezantsi.:

(	i - adyumentu yokuqala	:	uluntu, umenzeli.	)
	i - adyumentu yesibini	:	isalathandawo, imvelaphi.	
	Isiganeko	:	inguqulo.	

Zona izivakalisi eziku (1b, d, f, h) malunga nolwakhiwo lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u –jika inkcazelo yelekhisikoni ibonakala ngolu hlobo lulapha ngezantsi :

(	i –adyumentu yokuqala	:	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.	)
	i – adyumentu yesibini	:	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, uluntu.	
	isiganeko	:	ubume.	

Kukhe kwenzeke ukuba kubekho imeko yokungathathi njongosenzi yesifezekisi sebinzana sesibizo kwindawo yentloko yezivakalisi ezitshintshanayo ku (1b,d,f,h ). Ezi zivakalisi zilandelayo zibonisa imfezekiso yebinzana lesibizo lesenzi u –jika ayisebenzi



njengenjongosenzi yobumbo –zivakalisi eziqhelekileyo kulwimi lwesiXhosa. Kukho izinto ezingavumelekanga kwimofoloji : isimamva sovumelwano senjongosenzi sokungabikho mfezekiso echazwe ngokomenzeli. Okwesibini ibinzana lesibizo alinakuveliswa kwindawo yentloko kwisenziwa. Qwalasela kwezi zivakalisi zilapha ngezantsi.:

2. a) Ikhithshi lijika isiquququ.  
(The kitchen turns the agile person).  
(The kitchen is where the agile person turns).
- (i) \* Ikhithshi liyasijika isiquququ.  
(The kitchen is turning the agile person).
- (ii) \* Isiquququ sijikwa likhithshi.  
(Agile person is being turned by the kitchen).  
(Agile person is being worked by the kitchen).
- b) Idyunivesithi ijika ingqondi.  
(The university turns the intelligent).  
(The university utilizes the intelligent).
- (i) Idyunivesithi iyayijika ingqondi.  
(The university turns the intelligent).  
(The university utilizes the intelligent).
- (ii) \* Ingqondi ijikwa yidyunivesithi.  
(An intelligent is being turned by the university).  
(An intelligent is being utilized by the university).
- c) Udaka lujika uchwenene.  
(The mud turns the gentleman).  
(The mud returns the gentleman).
- (i) \* Udaka luyamjika uchwenene.  
(The mud is turning the gentleman).  
(The mud is returning the gentleman).

- (ii) \* Uchwenene ujikwa ludaka.  
 (The gentleman is being turned by the mud).  
 (The gentleman is being returned by the mud).
- d) Intolongo ijika umqwebedu.  
 (The prison turns the hardened criminal).  
 (The prison arrests the hardened criminal).
- (i) \* Intologo iyamjika umqwebedu.  
 (The prison is turning the hardened criminal).  
 (The prison is arresting the hardened criminal).
- (ii) \* Umqwebedu ujikwa yintolongo.  
 (The hardened criminal is being turned by the prison)

Ulwakhiwo lwesiganeko lwendawo yotshintsho oluyintloko lwesivakalisi, umenzeli webinzana lesibizo uluntu ubonakala kwindawo esemva kwesenzi

Okubalulekileyo apha kukuphononongwa ukuba izivakalisi eziku (1) zamkele izihlomelo zokumis'ixesha nezihlomelo zohlobo. Qwalasela kwezi zivakalisi zilandelayo.

3. (a) Isiquququ sijika ekhitshini rhoqo  
 (An agile person turn from the kitchen continually)  
 (An agile person works in the kitchen continually).
- b) \* Ikhithi lijika isiquququ rhoqo.  
 (The kitchen turns an agile person continually).  
 (The kitchen works in the kitchen continually).
- c) Ingqondi ijika edyunivesithi nyaka nonyaka.  
 (An intelligent turns from the university every year).  
 (An intelligent utilizes the university every year).



- d) \* Idyunivesithi ijika ingqondi nyaka nonyaka.  
 (The university turns the intelligent every year).  
 (The university utilizes the intelligent every year).
- d) Uchwenene ujika eludakeni ngenj'ixukuxa.  
 (The gentleman turns back from the mud in the morning).  
 (The gentleman returns back from the mud in the morning).
- f)\* Udaka lujika uchwenene ngenj'ixukuxa.  
 (The mud turns back the gentleman in the morning).  
 (The mud returns back the gentleman in the morning ).
- g) Umqwebedu ujika entolongweni nyaka nonyaka.  
 (The hardened criminal turns at the prison every year).  
 (The hardened criminal arrests in the prison every year).
- h) \* Intolongo ijika umqwebedu nyaka nonyaka.  
 ( The prison turns the hardened criminal every year).  
 (The prison arrests the hardened criminal every year).

Izivakalisi eziku (3a, c, e, g) zithelekiswa nezivakalisi eziku (3b, d, f, h). Izivakalisi eziqalayo zibonisa uhlobo lwesiganeko. Izivakalisi ezigqibelayo njengo (3.b, d,f,h) zibonisa ubume ngokubhekisele kwimizekelo yendawo. Oku kungafani kohlobo lwesiganeko ndingalubonisa ngokwenkcazelo yelekhisikoni u-jika ngokwengqokelela eyiyo yezivakalisi ngalendlela ilandelayo ngokwezivakalisi eziku ( 3a; c; e; f )

$$\square \left( \begin{array}{l} \text{i- adyumenthi 1} = \text{uluntu.} \\ \text{i- adyumenthi 2} = \text{imvelaphi, isalathandawo.} \\ \text{isiganeko} = \text{isifezekiso sephanyazo.} \end{array} \right)$$

Ulwakhiwo lwesiganeko sesenzi u-jika nenkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumenthi kwizivakalisi eziku (3b, d, f, h) iboniswa ngolu hlobo lulapha ngezantsi. :

(	i- adyumentu 1	=	imvelaphi.
	i- adyumentu 2	=	uluntu.
	isiganeko	=	ubume.

Ndiphela ndibonise isemantiki yelekhisikoni ebonisa ngokungafaniyo malunga nesuntswana lentsingiselo yegama nokusebenzisa iintsingiselo ezininzi zesenzi u –jika eziboniswe kwizivakalisi eziku 3.

#### Ibinzana lesibizo esiyintloko [ubulwanyana]

Apha ngezantsi kukho izivakalisi eziku (4a, c,e,g) kwezi zivakalisi ibinzana lesibizo esiyintloko se-adyumentu yomenzeli bubulwanyana. Kulapho ke isenzi u –jika sithatha imfezekiso yesalathandawo. Kwakhona apha ngezantsi kukho izivakalisi eziku (4b, d, f, h), zona ke zitshintshana neziya ziku(4a, c, e,g). Apho ke i-adyumentu yebinzana lesibizo esiyintloko icacisa indawo. Imfezekiso yebinzana lesibizo iboniswe ngokomenzeli:

4. a) Imfene ijika ehlathini.  
(The baboon turns at the forest).  
(The baboon disappears in the forest).
- b) Ihlathi lijika imfene.  
( The forest turns the baboon).  
(The forest disappears the baboon).
- c) Icikilishe lijika emnyango.  
(The lizard turns away from the door).  
(The lizard runs away from the door).
- d) Umnyango ujika icikilishe.  
(The door turns away the lizard).  
(The door runs away the lizard).



- e) Ibhokhwe ijika esangweni.  
(The goat turns at the gate).  
(The goat enters the gate).
- f) Isango lijika ibhokhwe.  
(The gate turns the goat).  
(The gate enters the goat).
- g) Itakane lijika ebuhlanti.  
(The lamb turns at the kraal).  
(The lamb gets in the kraal).
- h) Ubuhlanti bujika itakane.  
(The kraal turns the lamb).  
(The kraal gets in the lamb).  
(The kraal is the place where the lamb gets in).

Ingcaciso yelekisikoni malunga nolwakhiwo lwe –adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi ezingentla ku (4a, c, e, g) zimi ngolu hlobo :

i-adyumentu 1	=	ubulwanyana (umenzeli).
i-adyumentu 2	=	isalathandawo, imvelaphi.
isiganeko	=	inguqulo.

Izivakalisi eziku (4b, d, f,h) zibonakaliswa ngolu hlobo.

i-adyumentu 1	=	into engaphefumliyo, imvelaphi.
i-adyumentu 2	=	ubulwanyana (umenzeli).
isiganeko	=	ubume.

Qwalasela izivakalisi ezilandelayo, imfezekiso yebinzana lesibizo yesenzi u –jika ayisebenzi njenge njongosenzi zobumbo – zivakalisi. Kodwa kukho izinto emaziqwalaseleke. Eyokuqala ithi isimamva sesivumelanisi senjongosenzi sokungabikho mfezekiso echazwe njengomenzeli ayivumelekanga kwimofoloji yesenzi. Okwesibini

ibinzana lesibizo alinakubekwa kwindawo yentloko kwisenziwa. Khawuqwalasele ezi zivakalisi zilandelayo:-

5. a) Ihlathi lijika imfene.  
(The forest turns the baboon).  
The forest disappears the baboon).
- (i) \* Ihlathi liyayijika imfene.  
(The forest is turning the baboon).  
(The forest is disappearing the baboon).
- (ii) \* Imfene ijikwa lihlathi.  
(The baboon is being turned by the forest).  
(The baboon is being disappeared by the forest).
- b) Umnyango ujika icikilishe.  
(The door turns away the lizard).  
(The door is the place where the lizard runs away).
- (i) \* Umnyango uyalijika icikilishe.  
(The door is turning away the lizard).  
(The door is running away the lizard).
- (ii) \* Icikilishe lijikwa ngumnyango.  
(The lizard is being turned away by the door).
- c) Isango lijika ibhokhwe  
(The gate turns the goat).  
(The gate enters the goat).
- (i) \* Isango liyayijika ibhokhwe.  
(The gate is turning the goat).  
(The gate is entering the goat).



- (ii) \* Ibhokhwe ijikwa lisango.  
(The goat is being turned by the gate).  
(The goat is being entered by the goat).
- d) Ubuhlanti bujika itakane .  
(The kraal turns the lamb ).  
(The kraal is where the lamb get in).
- (i) \* Ubuhlanti buyalijika itakane.  
(The kraal is turning the lamb).  
(The kraal is getting in the kraal).
- (ii)\* Itakane lijikwa bubuhlanti.  
(The lamb is being turned by the kraal).

Kwizivakalisi ezingentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi yi –adyumentu yomenzeli ku (5 a–d) yaye akubonakali zimpawu ziqhelekileyo malunga nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi.

Ulwakhiwo lwesiganeko lwendawo yotshintsho oluyintloko lwezivakalisi : umenzeli webinzana lesibizo [ubulwanyana] sibonakala kwindawo esemva kwesenzi.

Okubalulekileyo apha kweli candelo kukuphonononga ukuba izivakalisi eziku(4) zibenakho ukwamkela izihlomelo zokumis'ixesha nezihlomelo zohlobo. Apha ndichaza uhlobo lwesiganeko lwezivakalisi eziku (4a, c, e, g) nazo ezi zivakalisi zitshintshana nezi ku(6 b, d, f, h).

- 6 a) Imfene ijika ehlathini emini.  
(The baboon turns at the forest during the day).  
(The baboon disappears in the forest during the day).
- b) \* Ihlathi lijika imfene emini.  
(The forest turns the baboon during the day).  
(The forest disappears the baboon during the day).

- c) Icikilise ijika emnyango ngorhatya.  
(The lizard turns away from the door at twilight).  
(The lizard runs away from the door at twilight).
- d) \* Umnyango ujika icikilise ngorhatya.  
(The door turns away the lizard at twilight).  
(The door runs away the lizard at twilight).
- e) Ibhokwe ijika esangweni ukutshona kwelanga.  
(The goat turns at the gate at sunset).  
(The goat enters the gate at sunset).
- f) \* Isango ijika ibhokhwe ukutshona kwelanga.  
(The gate turns the goat at sunset).  
(The gate enters the goat at sunset).
- g) Itakane ijika ebuhlanti kusasa.  
(The lamb turns at the kraal in the morning).  
(The lamb gets in the kraal in the morning).

Kukho iyantlukwano zohlobo lwesiganeko. Zingabonakaliswa ngolu hlobo lulapha ngezantsi :-

i- adyumenthi 1	=	ubulwanyana (umenzeli).
i- adyumenthi 2	=	engaphefumliyo, isalathandawo.
isiganeko	=	isifezekiso.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumenthi kunye nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u –jika kwizivakalisi eziku (7 b, d, f,h) izezwe ngolu hlobo lulandelayo :-

i- adyumenthi 1	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, imvelaphi.
i- adyumenthi 2	=	ubulwanyana (umenzeli).
isiganeko	=	ubume.



Ndiphela ndicacisa isemantiki yelekhisikoni ebonisa ngokucacileyo iyantlukwano yesuntswana lentsingiselo legama nokusebenzisa iintsingiselo ezininzi zesenzi u –jika ezibonakaliswe kwizivakalisi eziku (6). Isenzi u –jika sinako ukubonisa umzekelo wenguqulo yamagama engqiqo elekhisikoni.

**- jika**

- 7 a) 'turn', 'utilizes'.  
 (i) Igqondi ijika edyunivesithi.  
 (An intelligent turns from the university).  
 (An intelligent utilizes the university).
- b) 'turn', 'arrest'.  
 (i) Umqwebedu ujika entolongweni.  
 (The hardened criminal turns at the prison).  
 (The hardened criminal is arrested in the prison).
- c) 'turn', 'disappear'.  
 (i) Imfene ijika ehlathini.  
 (The baboon turns at the forest).  
 (The baboon disappears in the forest).
- d) 'turn', 'enter'.  
 (i) Ibhokhwe ijika esangweni .  
 (The goat turns at the gate).  
 (The goat enters the gate ).

Ibinzana lesibizo esiyintloko [izinto zendalo]. Izivakalisi ezilandelayo eziku (8a, c, e, g) ibinzana lesibizo esiyintloko se –adyumentu yomenzeli zizinto zendalo. Kwizivakalisi eziku (8 b, d, f, h) ezitshintshana neziku (8a, c,e,g) i-adyumentu efunyanwa njengebinzana lesibizo esiyintloko ibonisa indawo, kwaye imfezekiso yebinzana lesibizo iphindaphindwe njengomenzeli.

- 8 a) Imvula ijika ezilalini.  
 (The rain turns to the rural areas).  
 (The rain falls to the rural areas).

- b) Iilali zijika imvula .  
(The rural areas turns the rain).  
(The rural areas is the place where the rain falls).
- c) Umsi ujika empumlweni.  
(The smoke turns in the nose).  
(The smoke suffocates).
- d) Impumlo ijika umsi.  
(The nose turns the smoke ).  
(The nose is the part where the smoke suffocates).
- e) Izulu lijika edolophini.  
(The weather turns in town).  
(The weather changes in town).
- f) Idolophu ijika izulu.  
(The town turns weather).  
(The town changes weather).
- g) Ingxolo ijika emagumbini.  
(The noise turns to the rooms).  
(The noise is disturbing ).
- h) Amagumbi ajika ingxolo.  
(The rooms turns the noise).  
(The rooms is where the noise takes place).

Imeko yokungathathi njongosenzi yemfezekiso yebinzana lesibizo kwindawo yentloko yezivakalisi ezitshintshanayo ku (8 b, d, f, h). Ngokubhekelelisele kwizivakalisi ezilandelayo ezicacisa ukuba imfezekiso yebinzana yesenzi u –jika ayisebenzi njengenjongosenzi zobumbo – zivakalisi eziqhelekileyo kwisi Xhosa kuba isimamva sovumelwano senjongosenzi sokungabikho kwemfezekiso etolikwe njengomenzeli ayivumelekanga kwimofoloji yesenzi. Ibinzana lesibizo alinakuveliswa kwindawo yentloko



kwisenziwa. Oku ke konke kubonisa iimpawu ezimisa umgangatho wenjongosenzi kwisi Xhosa.

9. a) lilali zijika imvula.  
( The rural areas turns the rain).  
(The rural areas fall the rain), i.e. The rural areas is the place where the rain falls.
- (i) \* lilali ziyayijika imvula.  
(The rural areas are turning the rain).  
(The rural areas are falling the rain), i.e. The rural areas is the place where rain drops down.
- (ii) \* Imvula ijikwa zilali.  
(The rain is being turned by the rural areas).  
(The rain is being fallen by the rural areas).
- b) Impumlo ijika umsi.  
(The nose turns the smoke).  
(The nose suffocates).
- (i)\* Impumlo iyamjika umsi.  
(The nose is turning the smoke).  
(The nose is suffocating the smoke).
- (ii) \* Umsi ujikwa yimpumlo.  
(The smoke is being turned by the nose).  
(The smoke is being suffocated by the nose).
- c) Idolophu ijika izulu.  
(The town turns the weather).  
(The town changes weather), i.e. The town is where the weather changes.

- (i) \* Idolophu iyalijika izulu.  
(The town is turning weather)  
(The town is changing weather).
- (ii) \* Izulu lijikwa yidolophu.  
( Weather is being turned by the town).  
(Weather is being changed by the town).
- d) Amagumbi ajika ingxolo.  
(The rooms turns inside the noise).  
(The rooms is where the noise perplex).
- (i) \* Amagumbi ayayijika ingxolo.  
(The rooms are turning the noise).  
(The rooms are perplexing).
- (ii) \* Ingxolo ijikwa ngamagumbi.  
(The noise is being turned inside by the rooms).  
(The noise is being perplexed by the rooms).

Isenzi u –jika unamasuntswana entsingiselo egama kwibinzana lesibizo esiyintloko ngolu hlobo lulandelayo xa sijonge kwizivakalisi ezi ku (8).

- a) 'fall'.  
(i) Imvula ijika ezilalini.  
(The rain turns to the rural areas).  
(The rain falls to the rural areas).
- b) 'suffocate'.  
(i) Umsi ujika empumlweni.  
(The smoke turns in the nose).  
(The smoke suffocates).



- c) 'change'.  
 (i) Izulu lijika edolophini.  
 (The weather turns in town).  
 (The weather changes in town).
- d) 'disturb'.  
 (i) Ingxolo ijika emagumbini.  
 (The noise turns to the rooms).  
 (The noise is disturbing ).

Ibinzana lesibizo esiyintloko [izinto zendalo ezinokusetyenziswa]

Apha ngezantsi kukho izivakalisi eziku(10a, c, e, g). Isenzi u –jika ugcine imfezekiso yebinzana lesibizo. Ibinzana lesibizo esiyintloko se – adyumentu yendawo zizinto zendalo ezinokusetyenziswa. Kukho nezivakalisi eziku (10b, d, f, h) Zona zitshintshana neziya ziku (10 a, c, e, g). I –adyumentu yenzeka njengentloko yebinzana lesibizo. Ithi ibonise umenzeli into ephefumlayo. Kukho imfezekiso yebinzana lesibizo ethe yachazwa njenge mvelaphi.

10. a) Ilitye lijika umbona.  
 (Grinding stone turns the mealies).  
 (Grinding stone grinds the mealies).
- b) Umbona ujika elityeni.  
 (Mealies turns in the grinding stone).  
 (Mealies grinds in the grinding stone).
- c) Ityuwa ijika ukutya.  
 (Salt turns food).  
 (Salt gives taste in food).
- d) Ukutya kujika etyuweni.  
 (The food turns in salt).  
 (The food changes in salt).

- e) Intlantsi zijika umpheki.  
(The sparks turns out the cooker).  
(The sparks burns the cooker).
- f) Umpheki ujika iintlantsi.  
(The cooker turns the sparks).  
(The cooker extinguishes the sparks).
- g) Ityhefu ijika isisu.  
(The poison turns the stomach).  
(The poison damages the stomach).
- h) Isisu sijika ityhefu.  
(The stomach turns the poison).  
(The stomach damages the poison), i.e. The stomach destroys the poison.

Izivakalisi eziku (10a, c, e, g) zibonisa inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe -  
adyumenti nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u – jika ngolu hlobo

{	i- adyumenti 1	=	Izinto zendalo ezinokusetyenziswa.	}
	i- adyumenti 2	=	ibinzana lesibizo, into ephefumlayo, umenzeli.	
	Isiganeko	=	inguqulo.	

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe –adyumenti kunye nolwakhiwo lwesiganeko  
sesenzi u – jika kwizivakalisi eziku (10 b, d, e,h) zibonakaliswe ngolu hlobo :-

{	i- adyumenti 1	=	into ephefumlayo , umenzeli.	}
	i- adyumenti 2	=	isalathandawo, izinto zendalo ezinokusetyenziswa.	
	Isiganeko	=	inguqulo.	

Kuyenzeka ke ukuba imfezekiso yebinzana lesibizo kwindawo yentloko yezivakalisi  
ezitshintshanayo ku (10 b, d, f, h) zingayithathi injongosenzi. Qwalasela ezi zivakalisi  
zilandelayo :-



11. a) Ilitye lijika umbona.  
(The grinding stone turns the mealies).  
(The grinding stone grinds the mealies).
- (i) \* Ilitye liyawujika umbona.  
(The grinding stone is turning the mealies).  
(The grinding stone is grinding the mealies).
- (ii) Umbona ujikwa ngamatye.  
(The mealies is being turned by the grinding stones).  
(The mealies is being grinded by the grinding stones).
- b) Ityuwa ijika ukutya .  
(The salt turns food).  
(The salt gives taste in food ).
- (i) \* Ityuwa iyakujika ukutya.  
(The salt is turning food).  
(The salt is giving taste in food).
- (ii) Ukutya kujikwe yityuwa.  
(The food is being turned by the salt).  
(The food is being tasted by the salt).
- c) lintlantsi zijika umpheki.  
(The sparks turns the cooker).  
(The sparks burns the cooker).
- (i) \* lintlantsi ziyamjika umpheki.  
(The sparks are turning out the cooker).  
(The sparks are burning the cooker).
- (ii) \* Umpheki ujikwa ziintlantsi.  
(The cooker is being turned out by the sparks).  
(The cooker is being burnt by the sparks).

- d) Ityhefu ijika isisu.  
(The poison turns the stomach).  
(The poison damages the stomach).
- (i) \* Ityhefu iyasijika isisu.  
(The poison is turning the stomach).  
(The poison is damaging the stomach), i.e. The stomach is upset of the poison.
- (ii) \* Isisu sijikwa yityhefu.  
(The stomach is being turned by the poison).  
(The stomach is being damaged by the poison).

Kwezi zivakalisi zilapha ngentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi i- adyumentu yendawo ku (11 a-d) ayibonakalisi zimpawu ezizizo malunga nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi u –jika.

Ingcaciso yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe –adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko zika –jika kwizivakalisi eziku (i) ku (11 a- d) zibonakaliswe ngolu hlobo lulapha ngezantsi.

(	i- adyumentu 1	=	izinto zendalo ezinokusetyenziswa.	)
	i- adyumentu 2	=	izinto ezingaphefumliyo.	
	Isiganeko	=	ubume.	

Malunga nezivakalisi eziku (ii) ku (11 a-d ) kubonakaliswe ngolu hlobo :-

(	i- adyumentu 1	=	izinto eziphefumlayo nezingaphefumliyo.	)
	i- adyumentu 2	=	izinto zendalo.	
	Isiganeko	=	ubume.	

Isemantiki yelekhisikoni icaciswa ngokucacileyo ngokwesuntswana lentsingiselo legama kunye nempatho yentsingiselo ezininzi zesenzi u –jika. Amasuntswana entsingiselo egama alapha ngezantsi angafaniswa nesenzi u –jika kwizivakalisi ezinebinzana Isibizo esiyintloko esibonisa izinto zendalo. Zithi zibonise umzekelo wenguqulo yamagama engqiqo elekhisikoni ngolu hlobo luboniswa apha ngezantsi.



**-jika**

- 12 a) 'turn', 'grind'.  
(i) Ilitye lijika umbona.  
(The stone turns the mealies).  
(The stone grinds the mealies).
- b) 'taste'.  
(i) ltyuwa ijika ukutya.  
(Salt turns food).  
(Salt gives taste in food).
- c) 'burn'.  
(i) lintlantsi zijika umpheki.  
(The sparks turns the cooker).  
(The sparks burns the cooker).
- d) 'extinguish'.  
(i) Umpheki ujika iintlantsi.  
(The cooker turns the sparks).  
(The cooker extinguishes the sparks).
- e) 'damage'.  
(i) lthyefu ijika isisu.  
(The poison turns the stomach).  
(The poison damages the stomach).

Ibinzana lesibizo esiyintloko [into eyenziwe ngumntu]

- 13 a) Ikhuba lijika ivili.  
(The plough turns the wheel).  
(The plough twists the wheel).
- b) Ivili lijika ekhubeni.  
(The wheel turns on the plough).  
(The wheel twists on the plough).

- c) Ipeki ijika umphini.  
(A pick -axe turns the handle).  
(A pick- axe loosens the handle).
- d) Umphini uujika epekini.  
(The handle turns at the pick – axe).  
(The handle loosens at the pick- axe).
- e) Isingqusho sijika umbona.  
(A mortar turns the mealies).  
(A mortar stamps the mealies).
- f) Umbona ujika esingqushweni.  
(The mealies turns in the mortar).  
(The mealies stamps in the mortar).
- g) Ikiliva ijika ivili.  
(The wheel –barrow turns the wheel).  
(The wheel- barrow twists the wheel).
- g) Ivili lijika ekiliveni.  
(The wheel turns on the wheel – barrow).

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi eziku (14 a, c, e, g) ibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo:-

(	i-adyumentu yokuqala =	into eyenziwe ngumntu	)
	i-adyumentu yesibini =	ibinzana lesibizo, into engaphefumliyo (umxholo)	
	Isiganeko =	inguqulo	

Inkcaselo yelekhisikoni lwe-adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi eziku (14 b, d, f, h) ibonakaliswe ngolu hlobo lulandelayo:-



i-adyumentu yokuqala	=	into engaphefumiliyo, umxholo
i-adyumentu yesibini	=	into eyenziwe ngumntu, indawo.
Isiganeko	=	inguqulo.

Akubonakali zimpawu ziqhelekileyo zenjongosenzi kwibinzana lesibizo elisemva kwesenzi. Xa ukhangele kwizivakalisi eziku (14 a, c, e, g) ngasentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi azihambelani nesivumelanisi senjongosenzi kwimofoloji yesenzi, kwaye ingaveliswa kwindawo yentloko kwisenziwa njengolu hlobo lubonakaliswe apha ngezantsi.

- 14 a) Ikhuba lijika ivili.  
(The plough turns the wheel).  
(The plough loosens the wheel).
- (i) \* Ikhuba liyalijika ivili.  
(The plough is turning the wheel).  
(The plough is loosening the wheel).
- (ii) \* Ivili lijikwa likhuba.  
(The wheel is being turned by the plough).
- b) Ipeki ijika umphini.  
(A pick – axe turns the handle).  
(A pick – axe loosens the handle).
- (i) \* Ipeki iyawujika umphini.  
(A pick –axe is turning the handle ).  
(A pick – axe is loosening the handle).
- (ii) \* Umphini ujikwa yipeki.  
(The handle is being turned by the pick – axe).  
(The handle is being loosened by the pick – axe).
- c) Isingqusho sijika umbona.  
(The mortar turns the mealies).  
(The mortar stamps the mealies).

- (i) \* Isingqusho sijika umbona .  
 (The mortar is turning the mealies).  
 (The mortar is stamping the mealies).
- (ii) \* Umbona ujikwa sisingqusho.  
 (The mealies is being turned by the mortar).  
 (The mealies is being stamped by the mortar).
- d) Ikiliva ijika ivilli.  
 (The wheel –barrow turns the wheel).  
 (The wheel – barrow loosens the wheel).
- (i) \* Ikiliva iyalijika ivili.  
 (The wheel –barrow is turning the wheel).  
 (The wheel – barrow is loosening the wheel).
- (ii) \* Ivili lijikwa yikiliva.  
 (The wheel is being turned by the wheel – barrow).  
 (The wheel is being loosened by the wheel – barrow).

Okuqhubekayo kwezi zivakalisi zingentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi yi -  
 adyumentu yendawo kuphinde kungabonakali zimpawu ziqhelekileyo ezinxulumene  
 nemfezekiso yenjongosenzi yesenzi.

**4.2.3 Ulwakhiwo lwesiganeko lwendawo yotshintsho oluyintloko lwezivakalisi:  
 Indawo yebinzana lesibizo [into eyenziwe ngumntu] ibonakala kwindawo  
 esemva kwesenzi.**

Okubalulekileyo kweli candelo kukuphonononga ukuba izivakalisi eziku(13 a, c, e, g )  
 zibenakho ukuthatha isihlomelo sokumis'ixesha nesihlomelo sesixhobo okanye sohlobo  
 ngaloo ndlela kukubonakalisa uhlobo lwesiganeko lwezivakalisi eziku (13a, c, e, g). :-

- 15 a) \* Ikhuba lijika ivili ngezandla.  
 (The plough turns the wheel with hands).  
 (The plough twists the wheel with hands).



- b) Ivili lijika ekhubeni ngesandla.  
(The wheel turns from the plough with hands).  
(The wheel twists the plough with hands).
- c) \* Ipeki ijika umphini rhoqo.  
(The pick –axe turns the handle always).  
(The pick –axe twists the handle always).
- d) Umphini ujika epekini rhoqo.  
(The handle turns from the pick –axe always).  
(The handle twists from the pick – axe always).
- e) \* Isingqusho sijika umbona ngentsimbi.  
(The mortar turns the mealies with an iron).  
(The mortar stamps the mealies with an iron).
- f) Umbona ujika esingqushweni ngentsimbi.  
(The mealies turns in the mortar with an iron).  
(The mealies stamps in the mortar with an iron).
- g) \* Ikiliva ijika ivili ngezandla .  
(The wheel – barrow turns the wheel with hands).  
(The wheel – barrow twists the wheel with hands).
- h) Ivili lijika ekiliveni ngezandla.  
(The wheel turns in the wheel – barrow with hands).  
(The wheel twists in the wheel – barrow with hands).

Izivakalisi eziku (15 a, c,e,g) azamkeleki ngokwezihlomelo zokumis'ixesha. Kubonakala ukuba isenzi u-jika ubonakala kwizivakalisi ezingezizo iziphumezi zohlobo lwesiganeko. Ukungafani kwee ntlobo zeziganeko zingabhencwa kwilekhisikoni yesenzi u –jika kwindidi ezahlukeneyo zezivakalisi. Ingcaciso yelekhisikoni ngokobunjo lwe –adyumentu nolwaxhiwo lwesiganeko sesenzi u –jika kwizivakalisi eziku (15 a, c, e, g) kubonakala ngolu hlobo lungezantsi. :-

i- adyumentu yokuqala	=	into eyenziwe ngumntu, (indawo).
i- adyumentu yesibini	=	umxholo.
Isiganeko	=	isifezekiso.

Ingcaciso yelekhisikoni malunga nolwakhiwo lwesiganeko sesenzi u –jika kwizivakalisi eziku (15 b, d, f, h) ibonakaliswe ngolu hlobo :-

i- adyumentu yokuqala	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.
i- adyumentu yesibini	=	isalathandawo, indawo.
isiganeko	=	inguqulo.

### Uhlobo lolwakhiwo lwesiganeko

Izivakalisi eziku (ii) ku (16a-d) lutshintshwano lwezivakalisi zika(i) ku (16 a-d). Ezi zivakalisi zinentsingiselo efanayo kuhlobo lwesiganeko lwezivakalisi u –jika ku (i) ka (16 a-d) nendlela ekuthelekiswe ngayo eziku (ii) ku (16 a-d). Igatya lesihlanganisi lokumis'ixesha libonakala kutshintshwano olubini ngokwegatya lesihlanganisi lokumis'ixesha. Izivakalisi ebezingakwazi ukuthatha izihlomelo zohlobo zithi zamkeleke, umzekelo :-zivakalisi eziku (15 a,c,e,g) yaye apha ku (16 a-d) zamkeleka ngokwegatya lesihlanganisi lokumis'ixesha.

16. a) (i) Ikhuba lijika ivili xa lilimayo.  
 (The plough turns the wheel when it is ploughing).  
 (The plough twists the wheel when it is ploughing).
- (ii) Ivili lijika ekhubeni xa lilimayo.  
 (The wheel turns on the plough when it is ploughing).  
 (The wheel twists on the plough when it is ploughing).
- b) (i) Ipeki ijika umphini xa indala.  
 (The pick- axe turns the handle when it is old).  
 (The pick –axe loosens the handle when it is old).
- (ii) Umphini ujika epekini xa indala.  
 (The handle turns on the pick- axe when it is old).  
 (The handle loosens the pick –axe when it is old).



- c) (i) Isingqusho sijika umbona xa kungqushwayo.  
(The mortar turns the mealies when it is stumping).  
(The mortar stamps the mealies when it is stamping).
- (ii) Umbona ujika esingqushweni xa kungqushwayo.  
(The mealies turns in the mortar when it is stumping).  
(The mealies stamps in the mortar when it is stamping).
- d) (i) Ikiliva ijika ivili xa iqhutywayo.  
(The wheel –barrow turns the wheel when it is pulling).  
(The wheel – burrow twists the wheel when it is pulling).
- (ii) Ivililijika ekiliveni xa iqhutywayo.  
(The wheel turns on the wheel – barrow when it is pulling).  
(The wheel twists on the wheel – barrow when it is pulling).

Apha kwezi zivakalisi zingentla izihlomelo zegatya lokumis'ixesha lezihlanganisi zivumelekile kutshintshwano olubini. Isenzi u –jika ubonakala ngolu hlobo lulandelayo kwizivakalisi eziluhlobo lwesiganeko.

i- adyumentu yokuqala	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, indawo.
i- adyumentu yesibini	=	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo.
Isiganeko	=	inguqulo.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwaxhiwo lwe –adyumentu nolwaxhiwo lwesiganeko sika –jika malunga nezivakalisi eziku (ii) ku (16 a-d) ibonakaliswe ngolu hlobo lulapha ngezantsi.:-

i-adyumentu yokuqala	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.
i- adyumentu yesibini	=	isalathandawo, indawo.
Isiganeko	=	inguqulo.

Okubalulekileyo apha kwelicandelo kucaciswa isemantiki yelekhisikhoni ngokwesuntswana lentsingiselo ezininzi zesenzi u –jika apho athe wabonakaliswa ku (16). Kukho amasuntswana entsingiselo yegama. La masuntswana angafaniswa nesenzi u –jika kwizivakalisi ezinebinzana lesibizo esiyintloko esicacisa into eyenziwe ngumntu. Khangela

izivakalisi eziku (13 a, c, e, g) apha ngentla. Ezi zivakalisi zibonisa umzekeliso wenguqulo yamagama engqiqo elekhisikoni:

**- jika**

17. a) 'turn', 'twist'.  
 (i) Ikhuba lijika ivili.  
 (The plough turns the wheel).  
 (The plough twists / loosens the wheel).

'loosen'

- (ii) Ipeki ijika umphini.  
 (The pick- axe turns the handle ).  
 (The pick- axe loosens the handle).

'stamps'

- b) Isingqusho sijika umbona .  
 (The mortar turns the mealies).  
 (The mortar stamps the mealies), i.e. The mortar changes the mealies into stamped mealies.

Ibinzana lesibizo esiyintloko [umculo]

Apha ngezantsi kukho izivakalisi eziku (18 a, c, e, g). Kwezi zivakalisi ibinzana lesibizo esiyintloko se –adyumentu yendawo ngumculo. Isenzi u –jika uthatha imfezekiso yesibizo ichazwe njengendawo.

18. a) Ikhodiyane ijika iqhosha.  
 (An accordion turns the button).  
 (An accordion loosens the button).
- b) Iqhosha lijika ekhodiyaneni.  
 (The button turns in the acoordian).  
 (The button loosens in the accordion).



- c) Igubu lijika isikhumba.  
(A drum turns the hide).  
(A drum becomes old), i.e. A drum depreciates.
- d) Isikhumba sijika egubini.  
(The hide turns on the drum).  
(The hide becomes old on the drum).
- e) Ikatala ijika iingcingo.  
(The guitar turns wires).  
(The guitar bends wires).
- f) Iingcingo zijika ekataleni.  
(The wires turn on the guitar).  
(The wires bend on the guitar).
- g) Umabonakude ujika isitishi.  
(The television turns the channel).  
(The television changes the channel).
- h) Isitishi sijika umabonakude.  
(The channel turns in the television).  
(The channel changes in the television).

Apha ngezantsi kubonakala inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumentu nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika malunga nezivakalisi zika (18 a, c, e, g).

(	i- adyumentu 1	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umculo.	)
	i- adyumentu 2	=	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo.	
	Isiganeko	=	inkqubo.	

Kwakhona apha ngezantsi kuboniswa ingcaciso yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika malunga nezivakalisi zika (18 b, d, f, h):-

i- adyumentu 1	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.
i- adyumentu 2	=	isalathandawo , umculo.
Isiganeko	=	inguqulo.

Ngoku le yinkcazelo malunga nemeko yokungathathi njongosenzi yemfezekiso yebinzana lesibizo kwindawo yentloko yezivakalisi ezitshintshanayo eziku (18 a,c,e,g). Imfezekiso yebinzana lesenzi u –jika ayisebenzi njenge njongosenzi kubumbo zivakalisi eziqhelekileyo kulwimi lwesiXhosa.

Qwalasela kwezi zivakalisi zilapha ngezantsi.:-

19. a) Ikhodiyane ijika iqhosha.  
 (An accordian turns the button).  
 (An accordian loosens the button).
- (i) \* Ikhodiyane iyalijika iqhosha.  
 (An accordian is turning the button).  
 (An accordian is loosening the button).
- (ii) \* Iqhosha lijikwa yikhodiyane.  
 (The button is being turned by an accordian).  
 (The button is being loosened by and acoordian).
- b) Igubu lijika isikhumba .  
 (The drum turns the hide ).  
 (The drum becomes old).
- (i) \* Igubu liyasijika isikhumba.  
 (The drum is turning the hide).  
 (The drum is becoming old).  
 (The drum is depreciating).
- (ii) \* Isikhumba sijikwa ligubu.  
 (The hide is being turned by the drum).  
 (The hide is being became old).  
 (The hide is being depreciated).



- c) Ikatala ijika iingcingo.  
(The guitar turns the wires).  
(The guitar bends wires).
- (i) \* Ikatala iyazijika iingcingo.  
(The guitar is turning the wires).  
(The guitar is bending the wires).
- (ii) \* Iingcingo zijikwa yikatala.  
(The wires are being turned by the guitar).  
(The wires are being bend by the guitar).
- d) Umabonakude ujika isitishi.  
(The television turns the channel).  
(The television changes the channel).
- (i) \* Umabonakude uyasijika isitishi.  
(The television is turning the channel).  
(The television is changing the channel).
- (ii) \* Isitishi sijikwa ngumabonakude.  
(The channel is being turned by the television).  
(The channel is being changed by the television).

Kwezi zivakalisi zingentla ibinzana lesibizo elisemva kwesenzi yi –adyumentu yendawo. Kwizivakalisi eziku (19 a-d) akubonakali zimpawu ezizizo eziphathelele kwimfezekiso yenjongosenzi yesenzi. Inkcazelo yelekhisikoni malunga nobunjo lwe –adyumentu nolwakhawo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi eziku (i) ku (19 a-d) luvezwe ngolu hlobo lulapha ngezantsi :-

{	i- adyumentu yokuqala	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, indawo.
	i- adyumentu yesibini	=	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo.
	Isiganeko	=	ubume.

Inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe –adyumenti nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi eziku (ii) ku (19 a-d) kuvezwe ngolu hlobo :-

i- adyumenti 1	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.
i- adyumenti 2	=	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, indawo.
Isiganeko	=	ubume.

#### **4.2.4 Ulwakhiwo lwesiganeko lwendawo yotshintsho oluyintloko lwezivakalisi: Indawo yebinzana lesibizo [umculo] ibonakala kwindawo esemva kwesenzi.**

Okubalulekileyo apha kukuphonononga ukuba izivakalisi eziku (18) zibenakho ukwamkela izihlomelo zokumis'ixesha nezihlomelo zohlobo :-

20. a) \* Ikhodiyane ijika iqhosha ngesandla.  
(An accordian turns the button with a hand).  
(An accordian loosens the button with a hand).
- b) Iqhosha lijika ekhodiyane ngesandla.  
(The button turns from an accordian with a hand).  
(The button loosens from an accordian with a hand).
- c) \* Igubu lijika isikhumba ngokukhawuleza.  
(The drum turns the hide earlier).  
(The drum becomes old earlier).
- d) Isikhumba sijika egubini ngokukhawuleza.  
(The hide turns on the drum earlier).  
(The hide bends on the drum earlier).
- e) \* Ikatala ijika ingcingo ngesandla.  
(The guitar turns the wires with a hand).  
(The guitar bends the wires with a hand).



- f) lingcingo zijika ekataleni ngesandla.  
(The wires turn on the guitar with a hand).  
(The wires bend on the guitar with a hand).
- g) \* Umabonakude ujika isitishi ngeqhosha.  
(The television turns the channel with a button).  
(The television changes the channel with a button).
- h) Isitishi sijika kumabonakude ngeqhosha.  
(The channel turns in the television with a button).  
(The channel changes in the television with a button).

Malunga nezivakalisi eziku (20 a, c, e, g) izihlomelo zokumis'ixesha zibonisa ukuba isenzi u –jika ubonakala kwizivakalisi ezingezizo iziphumezi zohlobo lwesiganeko njengakwimeko eku (20 b, d, f, h) kodwa ukuba izivakalisi eziku (20 a, c, e,g) zikwimeko yohlobo lwesiganeko. Kaloku izivakalisi ezingelulo uhlobo lwesiganeko sobume azikwazi ukwamkela izihlomelo zokumis'ixesha. Isizathu sokubangela oko uphawu [+\_ atheliki] aliyanga nakancinci kubume.

Izihlomelo zokumis'ixesha zingabonakaliswa njengezivakalisi zokuphumeza kwakunye nezivakalisi zokufeza. Oku akukwazi okuqhubeka kwizivakalisi eziludidi lwendawo yobume, kaloku iintlobo zendawo zibubude bexesha.

Apha ngezantsi kubonakaliswe inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumentu kunye nolwakhiwo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi zika (20 a, c, e,g).

i- adyumentu 1	=	ibinzana lesibizo, umculo.
i- adyumentu 2	=	ibinzana lesibizo esiyinjongosenzi, umxholo.
Isiganeko	=	isifezekiso sophanyazo.

Kwakhona apha ngezantsi kuboniswa inkcazelo yelekhisikoni ngokolwakhiwo lwe – adyumentu nobunjo lwesiganeko sika –jika kwizivakalisi zika (20 b, d, f, h):.-

i- adyumenthi 1	=	ibinzana lesibizo esiyintloko, umxholo.
i- adyumenthi 2	=	isalathandawo, umculo.
Isiganeko	=	isifezekiso.

### Uhlobo lolwakhiwo lwesiganeko

